ILizwi LikaThixo
Kule Mihla Yokugqibela

Ngokuqinisekileyo yinyhweba ukubuyela phakathi kwaba bantu bamaSpanish kwakhona ngale ntsasa. Kwaye andazi nokuba uJim uyayifumana lento. Owu, uyakufumana ukushicilela. Ndisenalo icwecwe elo ikwayala encinci yeSpanish yalenzayo xa ndandilapha ngaphambili kunye noMzalwana uGarcia. Kwaye ndiyayilibala la ngoma incinci ababeqhele ukundiculela yona. Kodwa, owu, indlela endayithanda ngayo! Kwaye abo bantwana ngoku bonke bakhulile kwaye batshatile. Ndiyeva kubo ngamaxesha athile. Kwaye ndingenile ngale ntsasa ndaza ndabona uJoseph omncinci, kwaye ngoku ngenene kwenze into ethile kum, kwaye bendivuya ngokuqinisekileyo ukumbona.

2 Kwaye, ngoku, ndinegama elinye endinokulitsho ngeSpanish. Ningathanda ukuliva? "Halleluyah!" Andisokuze ndililibale igama. Ndandizama ukwenza ukuba umfazi osisithulu andive ngelinye ixesha. Ngoku, ndingakutsho oku konke ngokungekuko, uyabona, kodwa okungcono endikukhumbulayo yayingu "oiga." Injalo? *Uya*ndi*va*. *Uyeva*, "oiga." Kwaye ngoko andisokuze ndilibale, "Gloria a Dios!" Okumangalisayo nje! Owu, ndibenethuba lokuba sezantsi kwikomkhulu, Mexico City, ndithethe nabo ezantsi phaya. Indlela endandivuya ngayo! Kwaye ndandiqhele uku . . .

3 NdandiseFinland emva kokuba ndandilapha. Kwaye isoloko indikhumbuza ukuthetha ngomfazi omncinci womFinnish. Bandithabatha bandinyusa bandisa koko bakubiza i"bethany." Isizwe ngasinye sinembono yaso. (Ndim, ingaba nifumana isandi esibuyelayo, ndisondele kakhulu kokuya? Niyandiva kakuhle, injani leyo?) Lo mfazi mcinci, wayengumntu omncinci omhle. Kodwa wayefana nam, wayethanda ukuthetha into eninzi. Kwaye itoliki . . . wayethetha ngokukhawulezisa kakhulu, kwaye—kwaye itoliki yayingenakho ukuyitsho ngokukhawuleza ngokwaneleyo ngoko wayefuna ukuyitsho ngako. Kwaye ebesakuma kwaye ubuso bakhe bubebomvu, wathi, "Ndibafumanele yona bafana eBabylon."

4 Si, niyazi, ndiqaphele ukuba zonke i—intaka zonke zicula ngesiNgesi, izinja zikhonkotha ngesiNgesi, iintsana zikhala ngesiNgesi. Andiyazi yintoni ingxaki ngathi. Kodwa ngamnye kuthi ucinga olwethu—olwethu ulwimi luyakuba lulwimi lweMillennium, kakade. Kodwa thina abamkele uMoya oyiNgcwele, oko yinyani, ngoba sinolwimi lwaseZulwini.

5 SinoMzalwana uRowe apha kunyenathi ngalentsasa, unozakuzaku osuka eWashington. Ndiyakholwa ukhonze phantsi kwabahlanu okanye abathandathu ooMongameli, abasixhenxe ooMongameli. Kwaye niyazi ndiva kanjani ukuma kanye, kweliqonga, ndithethe, kunye nendoda enjeya ihleli emva kwam. Kodwa ubungqina bakhe basoloko bubobubalaseleyo kum, kwaye ingakumbi xa e. . . ndiyakholwa wayengumLutere, ukuba andiphazami, okanye Katolika okanye Lutere, Lutere. Kwaye wathi waye. . . into ethile malunga nokurhubuluza phantsi kwentente kumhlangano wabakwaMoya, kwaye wema. . . Ekugqibeleni wayokufika esiguqweni, kwaye, xa wakwenzayo oko, iNkosi yehla phezu kwakhe yamsikelela kangangokuba. . . ndicinga uyakwazi ukuthetha malunga neelwimi ezisixhenxe ezahlukeneyo. Kwaye wazama elinye, "alasebenza," emva koko wazama elinye, "alasebenza." Kwaye ndiyaqikelela uyakwazi ukuthetha iSpanish njengani nonke ninako. Ke wa—wawazama onke, kwaye ebengasayi kusebenza. Kwaye, yabona, uyazi yintoni, uThixo wayelunge kakhulu, Uyeza amnike ulwimi angazanga walizama ngaphambili, wathi, "Iyasebenza!" Injalo. Ndicinga yindlela ekuyakuba yiyo kwelinye icala.

6 Ezininzi iinkumbulo endinazo entliziyweni yam ngecawa encinci phezulu, ndiyakholwa i. . . owu, ndilibele iphina. Ingapha ndaweni ithile kufutshane neTonto Street. Kwaye ndiyayikhumbula lonto. Ndinako ukucinga ngegama "Tonto Street," apho ibandla leSpanish Apostolic laliqhele ukubakhona.

7 Ndandisithi kumalusi, "Lena iyakuba yindawo entle kakhulu yokuba nemvuselelo," amagumbi amaninzi, icawa entsha, abantu abalungileyo. Ke ndicinga iyakuba semgceni ngemvuselelo ngenye imini. Uze uthandaze ngoko, yiza ube nemvuselelo. Ngoku, ndiyathemba kukuphindwa nje kokuya sasinako kwelinye ibandla. Ndiyakhumbula ndimi eyadini, ndoyame ngocingo, ukuhla kunyuka ngezitrato, kokuzama ukumka phaya ngexesha lasebusuku, ngokuqinisekileyo yayiyimincili endandingazange ndiyilibale. Kwaye ndine—cwecwe lamanenekazi amancinci, amakhosazana kunye nabazalwana abaculayo kwaye benza icwecwe. Kwaye bebeya kuzama ukucula "Only Believe," ["Kholwa Kuphela"—Mhl.] kwaye babengakwazi kakuhle nje, niyazi. Babeya kuthi, endaweni ka "only believe," babekhupha "yeonea believe," yabona.

8 Kwaye ndikhumbula uRebekah, intombi yam, Sarah, kwaye noko bathi, "Tata, cula, dlala elacwecwe lincinci lababancinci. . . " Endaweni yokuthi "Spanish," babengakwazi ukubiza elagama, bathi, "Intombi zespinach, intombi ezincinci zespinach zicula 'Only Believe.'"

9 Kulungile, ndiyakhumbula balandela umhlangano. Imvuselelo yayiqalile, kwaye balandela umhlangano yonke

indlela ukuya kuNxweme lwaseNtshona. Kwaye ndi. . . into encinci yamiliseka entliziyweni yam xa sashiya iCalifornia, uMzalwana uMoore kunye nam, kunye noMzalwana uBrown, phezulu kude kwikomkhulu. Kwaye xa ndehlayo ngesasakhiwo ngobabusuku, abo bantwana beme apho becula lowa, "Uyakhathala ngawe." Niyivile. "Ekukhanyeni kwelanga okanye amathunzi, Uyakhathala ngawe." Ngamaxa amaninzi kwizizwe zangaphandle, phezu kumathafa edabi kukruthakruthwano lwehlabathi, ndizama ukusa uMyalezo kaKristu, bendiyakukhumbula loo mantombi kunye namakhwenkwe endiculela la ngoma, "Uyakhathala ngawe. Ekukhanyeni kwelanga okanye amathunzi, Usakhathala ngawe." Ke ibiyinkuthazo enkulu, uncedo.

10 Ukudibana nomalusi wenu olungileyo, kwaye ndivuya kakhulu ukubona ukuba ibandla liyaphila kwaye ninesi sakhiwo sihle sikhulu apha, nihleli nonke, indawo eninzi yokupaka. Nje eyenene indawo ezandleni zikaMoya oyiNgcwele, ukuba nje singamfumana Yena ayibone kwaye azi ukuba sibiza imvuselelo. U, ndiyakholwa Uyakusinika.

11 Ngoku, ngobubusuku sikwibandla likaMzalwana u-Outlaw, ibandla iJesus Name, ngaphaya kwelinye icala. Kwaye uMzalwana u-Outlaw, ndiyakholwa kwi. . . libandla i-Apostolic, nalo. Ndicinga ubiza nje igama lakhe, ibandla, Jesus Name. Ndicinga ungowobupostile ngokokholo. Ngoko sifanele ukuba phaya ngobubusuku. Kwaye ngoku asithi kwibandla leSpanish, "ngoku yiza ngaphaya," ngokuba uhlala endaweni yakho yomsebenzi. Ngoko kuzakubakho enkulu intlangano yeChristian Business Men, kuLwesine oqalayo, emva kokuba iinkonzo zivaliwe kwamanye amabandla, ngoLwesine. Kwaye lenkomfa, bazakuba nezigqwesileyo izithethi, kwaye ke u-Oral Roberts, kunye nomnye umzalwana waseWisile osandula ukusindiswa, kwaye babanga ukuba sisithethi esingqwabalala. Kwaye ndiqinisekile niyakuzonwabela ezinkomfa. Kwaye nina basafikisayo, banentlangano apho yabasafikisayo nabo, njengoko umzalwana esandula ukupapasha. Ndizakusa abam abantwana phaya ukuze bangene ngaphakathi koku. Kwaye ke ngoku yiza ngaphaya, siyakuvuya ukuba nawe. INkosi inisikelele nonke.

12 Kwaye ngoku ndifuna ukutyhila eBhayibhileni ndize ndifunde elinye laMazwi Akhe asikelelekileyo. Kwaye ndikhethe ngalentsasa, okwexeshana nje elincinci, andifuni kuningcina thuba lide, isiqendwana, kwaye esinye saso sifumaneka ku Samuweli I, esinye sifumaneka ku-Isaya. Kwaye ndingathanda ukufunda ukusuka ku-Isaya kuqala. Kwaye ndi. . .

13 Ninako ukuva kakuhle, konke jikelele? Phakathi kwalemiboko yokuthetha, ikhangeleka ivakala kabukhali kakhulu kum, andazi kutheni. Niva kakuhle kona phaya, phakamisa isandla sakho. Kuhle, kuhle.

14 Ngoku, ndibutshothorhaka kancinci, kakade, oko
kusuka ekuthetheni kakhulu. Kwaye ukusukela ngethuba
ndandilapha kunye nalomzalwana womSpanish,
malunga neshumi elinesithandathu leminyaka
eladlulayo, ndiyaqikelela, mhlawumbi malunga neshumi
elinesithandathu okanye ishumi elinesixhenxe leminyaka
eyagqithayo, kulungile, bendishumayela kususela ngoko.
Ke ndandidiniwe ngoko, ndathi, ndisadiniwe, kodwa
ndisaqhubekeka ngobabalo lukaThixo.

15 Ngoku masityhile ku-Isaya 40, isahluko sama-40 ka-Isaya;
kunye nesahluko soku-1, okanye isahluko sesi-3 sikaSamuweli
I. Kwaye ngelixesha sisazibambile ukwenzela ukufundwa
kweLizwi, ndingathanda ngoku thina sithobiseni iintloko
zethu nje ithutyana sisenzela umthandazo.

16 Bawo wethu waseZulwini, sinombulelo namhlanje
ngalenyhweba yokuma kule ithandekayo indawo engcwele
enikezelwe kuThixo nakumsebenzi Wakhe. Kwaye njengokuba
sisazi ukuba abakhonzi Bakho bema emva kweliqonga
apha okanye ipulpiti amaxesha amaninzi, kunye nobomi
bokuzinikela kumsebenzi Wakho.

17 Kwaye *ngale*, le ntsasa, izisa iingcinga, iingcinga
zemvuselelo eyayisaqala nje, kunye noMoya oyiNgcwele
owazayo wehla kwimo yokuKhanya okukhulu, njengeNtsika
yoMlilo, kwaye Yathetha ukuba uMyalezo kufanele utshayele
umhlaba. Kwaye ngoku namhlanje oko kuyimbali. UMyalezo
untumeke umlilo kumadoda abalulekileyo, emva kokuYibona,
njengo Oral Roberts noTommy Osborn, noTommy Hicks kunye
nabaninzi. Kwaye ngemizamo esithe sayenza ngokuhlangeneyo,
sibona ukuba uMyalezo wenze iimvuselelo zemililo kuzo zonke
izizwe phantsi kweZulu, yoMyalezo wabezakwamoya. Koku
sinika imibulelo nombongo kuWe, Owu Thixo onaMandla.

18 Kwaye ngoku namhlanje siyathandaza ukuba
Uyakulungisa intliziyo yethu, ilungele uXhwilo olukhulu
oluyakwenzeka msinya, siyakholwa. Kwaye ukuba iintliziyo
zethu azikho kulungelo lokuya okanye nantoni na engenye
Osingcinele yona, siyathandaza Usixolele ukusilela kwethu,
kwaye uthethe nathi namhlanje ngeLizwi Lakho. Sikelela
umalusi welibandla, amadikoni alo, amathenjwa, kunye
nesihlwele, amalungu. Sikelela lekwayara incinci, kunye
nomdlali piyano, abadlali bomculo. Bonke ngokudibeneyo,
basikelele abangenayo emasangweni alendawo. Banga
bangaphuma beguqulwe xesha ngalinye, ukuba kufutshane
kancinci kuWe kunokuba babenjalo ngethuba bebengena.
Siphe oko, Bawo. Kwaye kwanga oko kungabanjalo, nkqu
nangalentsasa, kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

19 Ngoku ekutyhileni eNcwadini ka-Isaya, isahluko sama-40,
siyafunda.

Thuthuzelani, bathuthuzeleni bantu bam, utsho . . . uThixo.

Thethani amazwi entuthuzelo kwi*Yerusalem, nimemeze kuyo, nithi ukulwa kwayo kuphunyeziwe, nithi buhlawulelwe ubugwenxa bayo: ngokuba ya*mkeliswe *esandleni sika*Yehova *okuphindwe kabini nge . . . izono zayo.*

*Ilizwi lalowo umemezayo entlango, Yigeceni indlela ka*Yehova*, yenzani ithi tye enkqantosini indlela ephakamileyo ka*Thixo *wethu.*

Yonke imifula mayinyuswe, kunye neentaba neenduli zigungxulwe: kunye nezigamagqagala zibe zithabazi, nemixawuka ibe ziintili:

*Kwaye ubuqaqawuli buka*Yehova *botyhileka, kwaye yonke inyama iyakububona: ngokuba uthethile umlomo ka*Yehova.

Ngoku kwiNcwadi kaSamuweli, Samuweli I, isahluko sesi-3, ndifuna ukufunda owoku-1, si-2, kunye nowe-19 umqolo.

*Ke kaloku umntwana uSamuweli wayelungiselela ku*Yehova *phambi ko-Eli. Kwaye iLizwi lika*Yehova *laliswelekile ngaloo mihla; kwakungekho mbono utyhilekileyo.*

Kwaye kwenzeka ngelo xesha, xa wayelele u-Eli endaweni yakhe, namehlo akhe eqale ukuba norhatyazo, ukuba angabi nakubona;

*. . . singekacinywa isibane siThixo etempileni ka*Yehova*, apho ityeya ibikhona, kwaye uSamuweli wayengqengqe phantsi ukuze alale;*

*U*Yehova *wambiza . . . waza waphendula, Ndilapha.*

Umqolo we-19

*Wakhula uSamuweli, kwaye U*Yehova *wabanaye, kwaye* Aka*yeka kuwe phantsi nalinye ilizwi emazwini akhe onke emhlabeni.*

20 Owu, leyo inga sisiqendwana esaneleyo esinokuthetha kuso apha kangangenyanga, kwaye singatsala umxholo kangangoko kwesi siqendu sizukileyo. Kodwa ngalentsasa, kwaye sina malunga nemizuzu engamashumi amabini ukuze siphume ngexesha elililo kweyethu . . . Ndiyaqikelela isikolo seCawe siphumile okanye mhlawumbi silandela koku, andazi. Kodwa, nakubeni kunjalo, ndifuna ukusebenzisa isiqendwana se, *ILizwi LikaThixo Kule Mihla Yokugqibela*.

21 Lelibalaseleyo kakhulu ixesha. Siyaqonda ukuba apho sithetha khona eZibhalweni, ukuba lathi, “Kwakungekho mbono utyhilekileyo ngemihla kaSamuweli.” Ngoko ke, “Apho

kungekho mbono," iBhayibhile ithe, "abantu bayatshabalala." Kufanele sibe nombono. Kwaye imibono iza kubaprofeti, kwaye liLizwi leNkosi lithethwe kubo.

22 Kwaye siyafumanisa ukuba u-Eli wayengengomprofeti,
u-Eli wayengumbingeleli. Kwaye wayeguga, namehlo akhe
esiba norhatyazo, kwaye engaboni okwenzekayo, wayeyindoda
enkulu enzima. Kwaye wayeqalisile ukuvumela umsebenzi
weNkosi ungenzeki.

23 Kwaye yilonto injalo yanamhlanje. Ndicinga ibandla,
umbutho kunye namahlelo, abesentsimini ixesha elide, kwaye
ayaqalisa ukuyekelela. Kwaye umsebenzi weNkosi ushiywa
ungenziwanga, iLizwi leNyaniso, ngokuba ibandla, kulo,
liye laba nokubona luzizi. Kwaye sidinga, namhlanje, iLizwi
likaThixo lithethe phakathi kwethu, lisibuyisela emva.

24 Kwaye, yabona, u-Eli wayengqengqe phantsi, kwaye i. . .
ukubona kwakhe kwakusilela. Wayengumbingeleli. Kwaye
babengenambono utyhilekileyo osuka eNkosini. Kwaye
esosidingo sikhulu!

25 Kwaye uThixo wathembisa ukuhlangabezwa nesidingo
seyure. Usoloko ekwenza oko. Kwaye sidinga iLizwi
likaThixo namhlanje, uhlangabezana nesidingo seyure,
uhlangabezana nexesha esiphila kulo. Kwaye emva kokuba
Ekuthembisile, singaphumla ngokuqinisekileyo ekubeni
Uyakusigcina isithembiso Sakhe. Oko kukuqiniseka elithi
ikholwa libe nako kuMdali walo, okokuba Uthembisile
ukuhlangabezana nesidingo.

26 Kwaye, namhlanje, isizathu esinye sokuba ibandla libe
kulemeko elikuyo, kungokuba kukho amazwi amaninzi
kakhulu, amazwi angamanye amaninzi kakhulu ukutsala
ibandla limke kwiLizwi likaThixo, de kuthandabuzeke
kakhulu ukuba abaninzi bayakuliva iLizwi likaThixo nangona
Lithetha kanye phakathi kwabo. Baya mhlawumbi abanakho
nokuliqonda Lona, ngokuba Liyakuba yinto engaqhelekanga
kubo. Bazifake kakhulu kumazwi omhla!

27 Kwaye ukuba siyaqaphela, kwisifundo seSibhalo sethu,
ukuba iLizwi likaThixo lalingaqhelekanga kubo.

28 Kwaye iba yilandlela kwakhona namhlanje, okokuba
iLizwi likaThixo. . .Kukho amaninzi kakhulu amazwi. Kwaye
ngoko ukuba uThixo uthembisile Uyakusinika Okuya, kwaye
ukuba amanye amazwi achasene kwiLizwi likaThixo, ngoko
kufanele ukuba lilizwi lotshaba lwethu, ukusibhidisa, okokuba
singabinakuliqonda iLizwi likaThixo xa Lithetha.

29 Kwaye siyaqaphela yayiyinto ethile efanayo koko
ku-Eli kunye nakuSamuweli, kodwa u-Eli waqonda ngoko
nangoko ukuba yayinguThixo. Kwaye ngokuqinisekileyo
yayi si—sisinyeliso ku-Eli. Ngokuba, iLizwi likaThixo,
lithetha kuSamuweli, lamxelela malunga nezenzo

zokungalungisi kuka-Eli, kuba wayebafekethisa oonyana bakhe, kwaye babethabatha imali kunye—kunye nenyama emadinini. Kwakungalunganga oko. Kwaye babesenza izinto ngokungalunganga, ngokuchaseneyo neLizwi likaThixo.

30 Kwaye uSamuweli wayene . . . kuphela kwento uSamuweli wayenokuyenza, kuthetha ngqo. Kwaye wayenokonqena kancinci ukwenza njalo, ngokuba yayichasene kanye nendawo awayethunyelwe kuyo ukuba akhuliselwe kuyo, u-Eli kunye netempile. Kodwa u-Eli wathi, "Thetha." Yabona? Kwaye wamxelela ngqo okwakuzakwenzeka, ukuba uSamuweli . . . okanye, "Usuku luka-Eli lwaluphelile, njengombingeleli," ngokuba uThixo uthethile, kwaye uThixo wayethumela uMyalezo Wakhe ngoSamuweli umprofeti. Olona zalo lungaqhelekanga, wanikezelwa kwiNkosi ukusukela ebuntwaneni. UThixo wathetha naye, njengomntwana, kwaye wayemlungiselela umsebenzi owawuphambi kwakhe. Kwaye ixesha lika-Eli laliphela.

31 Kukho amaninzi kakhulu amazwi emhlabeni namhlanje, oko ngokuqinisekileyo kuyinto enzima kakhulu, ngokuba kubulala iLizwi lokuNgaphezu kwendalo. Kukho amaninzi kakhulu amazwi obukrelekrele, amazwi amakhulu amadoda anamandla anobukrelekrele, ukuba, kwiimeko zabo zobukrelekrele, de ashukumise izizwe. Abangobantu nje abavele ngobusuku, kodwa ashukumisa izizwe, ehlanganisa imibutho emikhulu ndawonye, imikhankaso emikhulu, eqheleqhele. Kwaye umntu oyakuba nokubhideka kancinci. Iyeyaneleyo ukubabhidisa, ekubeni zihamba njani ezi zinto kwaye zihlume. Kwaye kukho amazwi athi—athi avele aze enze ezizinto, kwaye ibangela iLizwi likaThixo ukuba libekwe emva kakhulu ndaweni ithile, iLizwi likaThixo elinyanisekileyo.

32 "Kwaye iLizwi likaThixo," bathi, "sakwazi njani kuba liLizwi likaThixo?" Ngokuba, ngokwanamhlanje . . . Ngoko kwakunjalo kumprofeti ongqinelweyo. Ngoku, namhlanje, sazi njani ukuba liLizwi likaThixo, ngokuba kukubonakalaliswa kweLizwi lomprofeti. *Lona* ngumprofeti kaThixo. Kwaye elinyanisileyo iLizwi likaThixo libuyisela kuphela owenene, ophilayo, uThixo oNgaphezu kwendalo, kunye neLizwi Lakhe eliNgaphezu kwendalo, kunye nokubonakaliswa okuNgaphezu kwendalo kweLizwi eliNyanisekileyo. Emva koko sazi ukuba IliLizwi likaThixo. Ngokuba, kwaye oNgaphez- . . . Kukho okungaka kwezinye iindawo, ezithi ziphantse nje zibulale Oko. Kodwa, khumbula, Iyakubengezela, Iyakuvela! Iyakuyenza.

33 Ngoku, kukho ilizwi namhlanje ehlabathini lezopolitiko. Elo lilizwi elikhulu. Kwaye abantu, ngokuqinisekileyo, kulo mhla mkhulu wezopolitiko, baya . . . Kuxubeke konke kwicawa zabo nakuyo yonke into. Kwaye kumaxesha amaninzi, oko sikubonile kutshanje, ukuba ilizwi lezopolitiko ngokwenene linamandla kuneLizwi likaThixo emabandleni,

okanye abantu baseMerika bebengenakwenza oko basandula ukukwenza. Yabona? Ngebengazange bayenza. Ukuba iLizwi likaThixo belinokugcinwa liphila ebandleni, ngebengazange bazenza eza mpazamo. Kodwa ilizwi lezopolitiko linamandla kakhulu emhlabeni namhlanje kuneLizwi likaThixo, bade abantu bathengisa ngobuzibulo babo bobuKristu ngenxa yembutyulelo yendumasi, imfundo, kunye namandla opolitiko. Ilusizi kakhulu ukuyibona. Eyona nto isizwe sethu esenziwa ngayo, esenziwe kuyo, abantu bajike babuyela emva baza—baza bavotela into esalishiyela lona elinye ilizwe. Kwaye i—kwaye iPlymouth Rock, kunye neMayflower kunye nazo, ziza ngapha zaza—zaza zaseka lomnotho mkhulu esinawo. Yeyona nto esalwela yona kanzima kakhulu ukuba siphume kuyo, sizifake ngokwethu kanye emva kumakhamandela wayo, ngokuba koko iBhayibhile ithe iyakuba ngala ndlela.

34 Kwaye inkqubo ka-Eli: umbingeleli endaweni yomprofeti. Umprofeti liLizwi. Kwaye umbingeleli waye elibandla.

35 Kwaye ifikelele kwenjalo indlela de ibe yekeyeke kakhulu okokuba iLizwi libe lelingaqhelekanga ebantwini. Abalifumani Lona. Ngoko unokulithetha Lona, kwaye abaliqondi Lona, ngokuba abaqeqeshwanga ngokubhekiselele kuLo. UPawulos wathi, "Ukuba ixilongo linika isandi esingacacanga, ngubani oyakwazi ukuba makalungiselele imfazwe?"

36 Abantu baqeqeshelwe kwi—i—i lizwi lecawa, ixilongo lecawa, "Sinabaninzi kwisikolo sethu seCawa kunabo bonke." Oko akuthethi nanto. "Sinabaninzi kwihlelo lethu kunabo bonke. Singabakhulu phakathi kwamahlelo." Yabona, elo luhlobo lwelizwi abathe abantu baqeqeshelwa lona. Esitratweni, bayaphuma bayokufuna abantu babangenise ngaphakathi. Amashumi amawaka aphindwe ngamawaka kwimikhankaso emikhulu, babangenise ngaphakathi. Yintoni abanomdla kuyo? "Sinecawa enkulu. Sinerhamente enkulu. Sineliphezulu inani lesikolo seCawa. Sinosodolophu wesixeko ohamba icawa yethu." Oko kungaba kokulungile konke, kodwa ukuba ela bandla aliqeqeshelwanga kwiLizwi likaThixo, iXilongo leVangeli, yintoni elungileyo eliyenzela kona?

37 Kwaye xa into ivuka kanye njengokuba yavukayo phakathi korhulumente wethu, kwenzeka ntoni? Ibandla alilazanga iLizwi leXilongo, kwaye zange bazi emabakwenze. Isithembiso esikhulu sobutyebi, isigebenga sobukrelekrele singena ngaphakathi, kwaye baya gqo ngaphaya kwayo kanye into iBhayibhile ibiyiqikelele, baza bayizisa ngaphakathi. Yabona, ilizwi lopolitiko! Kwaye langqinisisa ukuba liyaligqumelela iLizwi lenkolo, okanye bebengenakukwenza oko bakwenzileyo, iLizwi leVangeli. Ngokuba sithenjiswe ngento eninzi, sithenjiswe ngobutyebi, kwaye ngaphandle kwamathandabuzo siyakubufumana.

38 Kodwa, nangona, oko akuthethi kwanto kwikholwa. Tyhila ngaphaya kwiNcwadi yamaHebhere, kwisahluko se-11, phulaphula kulowa uNgcwele uPawulos ethetha, indlela ababeyiyo, kwimihla, “Bebhadula ngeengubo zeegusha neengaga zeebhokhwe, beswele, bengenandawo, bengenakho ukungena esixekweni.”

39 Kodwa bendifunda kwiQumrhu laseNicaea, xa imicimbi emikhulu yenyuka yaya eNicaea, Roma, kumakhulu amathathu eminyaka emva kokufa kukaKristu, kwiQumrhu elikhulu iNicaea, xa ibandla elikhulu elathi lamela oko kwakulungile, babefuna iBhayibhile. Kwaye abaguquki baseRoma bebandla lokuqala bafaka imigaqo, ukuthi, umzekelo, njengokuba sineKrismesi.

40 IKrismesi, uKristu zange wazalwa ngosuku lwamashumi amabini anesihlanu kaDisemba kunokuba ndandinjalo. Kutheni, iinduli zakwaJuda zazinekhephu, kwaye Wa... Ichasene nazo zonke ezinye iziprofeto zeBhayibhile. Wazalwa entlakohlaza, njengawo onke amatakana ezalwa. Kutheni Wazalelwa estalini endaweni yokuzalelwa endlini? WayeyiMvana. Kutheni Wayengasuki abaleke aye esibingelelweni okanye kwisibingelelo Sakhe apho Wabethelelwa khona, emnqamlezweni? Wakhokelwe emnqamlezweni. Uyayikhokelela igusha ekuxhelweni. WayeyiMvana. Ngoko Wazalwa xa amatakana ezalwa.

41 Kodwa, uyabona, ukuyenza lonto, baba nomhla wokuzalwa wesithixo-langa, ntoleyo, ilanga nezijikelezi zalo, i—ilanga kwimihla emihlanu ukusuka kuDisemba amashumi amabini kuDisemba amashumi amabini anesihlanu, akukho kushukuma kwaphela, kwelanga. Li—liyaguquka suku ngalinye, liya lisiba lide ngokuba lide kwaye libe lide de lifike kolona suku lwalo lude ngoJulayi. Kuze emva koko, ngoDisemba, olona suku lwalo lufutshane. Emva koko ela xeshana lincinci lamashumi amabini anesihlanu, ukusuka kumashumi amabini ukuya kumashumi amabini anesihlanu, babanesekhasi yamaRoma nombhiyozo womhla wokuzalwa kathixo-langa. Emva koko uJupiter, owayenguthixo wamaRoma, kwaye bayifakelela, ukutsho ngoko, “Siyakuthabatha uNyana kaThixo kunye nosuku lokuzalwa kukathixo-langa, sikudibanise oko kube ngumbhiyozo omkhulu omnye.” Oko kuchasene! Kwaye, owu, okuninzi ukufakelelwa abathe bakubeka khona phaya!

42 Kwaye xa bona abanyanisekileyo abantu bakaThixo abafuna ukuhlala neLizwi, njengoPolycarp, Irenaeus, Martin, abo bakhulu, bakudala, abangcwele abantu abafunayo ukuhlala neNyaniso...Kwaye xa bayizisayo ngeQumrhu iNicaea, abanye babo bantu babeliwe kakhulu bade abaprofeti beza bephuma entlango benganxibanga nto ngaphandle

kwengubo zeegusha, ukuza kuhlala kwelaqumrhu. Kodwa balazi iLizwi leNkosi. Kodwa indumasi, yona loomihla ilishumi elinesihlanu lophalalo gazi lezopolitiko, kwaye nokuLigqumelela. Emva koko sibe namawaka eminyaka esigaba sobumnyama, yabona.

43 Kodwa uThixo wathembisa ukuba ela Xilongo liyakuvakala kwakhona. Basoloko abantu bephulaphula kwesinyanisileyo iSandi seLizwi, soloko uhlola okwenzayo ngeLizwi.

44 Ilizwi lezopolitiko. Kwaye thina eMerika kunye nelizwe lonke, sinelikhulu elithethayo ilizwi namhlanje, kwaye elo lilizwi leHollywood. Lilibambisile ilizwe. Makathi umntu othile aphumele ngaphandle eHollywood kunye nento ethile, uyifumana kwisizwe sonke. Ngoku, siyaqaphela ukuba babenzele umzekelo abafazi bethu, kwisinxibo sabo, uhlobo lwenwele. Basenzile esa sinxibo

45 Ibandla lifanele lilazi iLizwi leXilongo likaThixo kokuya! Kodwa kukho ukubhidaka okuninzi ngokuba ubona abanye besenza njalo, imizekelo. Ungaze uzifanise ulandele emva kolwahlobo lomzekelo, ngokuba uyatshabalala. Soloko usiva iLizwi likaThixo, oko Akutshoyo malunga nawo.

46 Kwaye siyaqaphela, eHollywood, bavusa izinto. Kwaye ndiyeke nje ndithethe nje ithutyana koku phambi kokuba sibheke phambili. Kwakukho i—into iphuma kungekudala kwixa eligqithileyo, yokuba i—indoda eHollywood... Andichasanga nandoda ngoku, usisidalwa esifayo athe uKristu wasifela, kodwa nje ukukubonisa wena. Benze into encinci ebizwa, abantwana babeqhele ukuyibiza i "hula-hoop," hula-hoop, okanye into ethile. Kwaye ukuba wakhe waqwalasela ubukrwada kunye nezinto ezilandela konke oko, kubantwana abancinci. Ayilunganga.

47 Ngoku, iHollywood igcwele nga—ngabalwi ngemipu. Ngoku, wonke ubani oyaziyo imbali, uyazi ukuba abantu emva phaya ngemihla yabo, abo yayingabalwi ngemipu nje nga—ngabafo abohlukeneyo, yayingengobantu bahloniphekileyo, yayingabakreqi, babefana no Al Capone kunye noDillinger. Babenomdlalo weHollywood abawubiza, ku—kumabonakude, bawubiza, "Gunsmoke." Kwaye ndivile kwi *Monitor* ngenye imini ukuba umfo oyidlalayo, Arness okanye into ethile, okanye Arness, okanye ndiyalibala ngubani igama lakhe, kwaye ufanele athathe...Umele uMatt Dillon owayeyi sheriff eKansas. Kwaye uMatt Dillion wayetyheli njengomvundla. Wabulala amadoda angamashumi amabini anesibhozo ngasemva, abantu abamsulwa, aphume ngaphandle kweDodge City aze abalalele ehlathini. Kwaye xa umntu esiza, la mntu uthile ubeya kumbiza aze amxelele ukuba kukho itshijolo elizayo, kwaye hlala apho uze, xa umntu esiza,

ubeya kumdubula emqolo. Ngoku siyafumanisa ukuba ungu "mfo omkhulu" othi aze. Kutheni, ngenene i—izukisa isono. Kodwa abantwana abancinci besizwe sethu bangakuxelela kakhulu ngoMatt Dillion kunokuba benokuxelela ngoYesu Kristu. I—i—iivenkile, iivenkile zesheleni, kunye nendawo yempahla, zigcwele yemincinci—yemincinci imipu yokudlala, kunye neminqwazana onokuthi—onokuthi uyithenge naphina. Kulungile ukuyinxiba lonto, kodwa ndi—ndiyakuxelela nje, uyabona. Emva koko ba—ba, ilizwe loshishino, lichonga lonto lize lenze izigidi zeedola kuyo lonto.

48 Sinoko sikubiza "Umhla ka St. Patric," sinoko sikubiza "iholide zenkolo." Kwaye ilizwe loshishini liwuchongile, kwaye lenza izigidi zeedola. "Umhla woMama," imfumba yeentyatyambo. Kutheni, wonke umhla kufanele ube ngumhla ohloniphekileyo ngomama. Uphaya ndaweni ithile, mdala, hamba uye kumbona. Oko kuyakubaluleka kunazo zonke intyatyambo onokumthumelela zona, okanye nantoni na engenye. Yabona, kodwa bachonga wona. Lilizwi, kwaye—kwaye sizidibanisa ngqo nayo. Ngenene ayilunganga. Kodwa uzakwenza ntoni? Yabona, nje si—si . . .

49 Ndizama ukufika endaweni apha ukuba ndikuxelele into ethile, oko ndi—ndikukholelwayo. ILizwi linqabile, iLizwi likaThixo.

50 Ngoku, siyafumanisa ukuba benze umzekelo. Kwaye ingaba wakhe waqwalasela, amakhwenkwana ethu amancinci into athe aba yiyo "Ricky" kunye no "Elvis." Ukuba unomntwana othiywe njeya, liguqule kwamsinyane, mbize inani "nye" okanye "mbini," okanye into ethile. Ungayenzi, imbi kakhulu . . . Uthi, "Igama lenza mahluko mni?" Kutheni, ngokuqinisekileyo, lithetha into ethile. Igama lakho lichaza ubomi bakho. "Ngoku, Mzalwana Branham, use mananini." Hayi, andikho apho! Ndiku ITSHO INKOSI! Kwakutheni injalo xa uYakobi, waphila ngokwegama lakhe, nje—njengomqhathi, umaqhingana, uYakobi. Kwaye xa uThixo wamguqulayo, Waguqula igama lakhe. UThixo waguqula igama lika Sawule laba nguPawulos, Simon yaba ngu Petros. Ngokuqinisekileyo, linento. Kwaye uRicky noElvis, kunye nanjalo amagama njengalawo, ngamagama alemihla eMerika athi amlahlele ngokuzenzekela umntwna ngqo kulonto. Yabona endibhekiselele kuko?

51 Ngoku, ndiyathemba andi . . . kungcono ndibuye umva ndingamki kakhulu nomrhiba apha, (yabona endithetha kona?) okokuba aniyi kukuqonda. Kodwa zonke ezi zinto aziqondwa nokuqondwa ngabantu nje. Abayibambi, ngokuba banomsinga omnye. Kuko kodwa abaphulaphula kuko, loo mazwi.

52 Kukho ilizwi leengqondi, ubuKomanisi, elithembisa into abangenakuhlala ngayo. Kwaye noko enkulu ipesenti yabantu base-Merika baphinyelwe kubuKomanisi. Ngoku,

bendikubuKomanisi, kwimimandla yobuKomanisi, gxebe, eJamani, kwicala lempuma yeBerlin. Banezinkulu ezintle izindlu ukubonisa ngaphandle. Kufanele uhambe ngaphakathi kuzo, azigqitywanga nokugqitywa. Bubuxoki bezoqoqosho, bazama ukunyanzela into ethile.

53 Kwaye, eRashiya, indawo yokuzalwa kobuKomanisi . . . Ntoleyo, kwiminyaka eminizi egqithileyo, xa ndandiseyinkwenkwe nje yomshumayeli, ndingathi amashumi amathathu anesithathu eminyaka egqithileyo, xa iNazism, Facism, kunye neCommunism zaziqalisa, ndathi, "Ndithetha eGameni leNkosi! Zonke ziyakuphelela kwiCommunism." Kodwa, wakhe wacinga, uThixo usishiyele indawo ngaphandle, ukuba nje sinokuyithatha. Kukho nje ipesenti enye eRashiya engamaKomanisi, ipesenti enye, kodwa bayi pesenti elawulayo. Ipesenti enye yobuKomanisi . . . ipesenti enye eRashiya bubuKomanisi, gxebe, kodwa bayalawula.

54 Kwaye into ekwanye, iHollywood yindawo enye, kodwa bakulawulo.

55 Malunga nesiqingatha sesithathu okanye sesibini soluntu lwase United States sihamba icawa, kwaye ngamalungu ecawa, kodwa iyalawula kuloo mahlelo.

56 Into obuyidingayo ubuKomanisi khona phaya liLizwi likaThixo livuka phakathi kwabo, kwaye Liyakuyibeka ehlazweni.

57 EFinland, xa la nkwenkwe yavuswa ekufeni ngala mhla, kwaye babendizisa ndisuka kude ngesithathu esiphindwe kane, apho lomfo wavuswa khona, umfi; amajoni obuKomanisi, amaRashiya, eme apho kunye nesikhahlelo sobuRashiya, kwaye iinyembezi zisihla ngezidlele zabo. Athi, "Siyakumamkela uThixo onokuvusa abafileyo." Kukungakhathali kwecawa yobuKatolika kunye neyobuLutere, kunye nawo onke loo mahlelo, kwaye athathe yonke imali, aze akha izakhiwo zemibutho, kwaye akabanika nto abantu. Baphila njengabantu bonke. Kuyakubakho . . .

58 Into eyifunayo iRashiya ngumprofeti avuke embonisweni kunye neLizwi leNkosi, elino—elinovala umlomo. Ngoko lamashumi asithoba ekhulwini ayakuthabatha ulawulo.

59 Into eyifunayo iMerika liLizwi lomprofeti kaThixo, onokuma aze ohlwaye iHollywood, kwaye ohlwaye ezi zinto eGameni likaYesu Kristu, kwaye iBandla likaMoya oyiNgcwele liyakuthabatha ulawulo. Ukubhideka okuninzi kakhulu, yabona, amazwi amaninzi kakhulu okuchasana Nalo.

60 Ibandla, ilizwi lalo, ngamnye ufuna amalungu amaninzi. IBhaptist ifuna konke, iWisile ifuna konke, iRhabe. Sonke sinako oku. Kwaye iKatolika ikhangeleka

ngathi izakuthabatha konke, kwaye bayakuyenza. Elo liLizwi likaThixo ngokuchanekeleyo lisuka eBhayibhileni. Bayakulawula.

61 Kodwa uThixo OseNyangweni ekugqibeleni uyakulawula. Abangcwele bayakuthabatha ulawulo, ngenye imini, iBhayibhile itsho njalo. Bayakuthabatha ulawulo.

62 Anjalo wona ukuba mabi amazwi! Emva koko kukho ilizwi lomprofeti wobuxoki. Lelona libi kakhulu ilizwi, umntu ozibiza umprofeti. Umprofeti, kakade, ngumshumayeli. Igama lalemihla "umprofeti" ngokuqinisekileyo lithetha "umntu oshumayela phantsi kwentumakalelo." Kukho umntu oma azibize umprofeti, aze aphike iLizwi likaThixo, aphike iNyaniso kaThixo. Kukho amazwi amaninzi!

63 Nje imizuzu embalwa egqithileyo, kwakukho umzalwana phandle phaya endikhombisa apho mandiye khona ukungena apha, kodwa ndi...yaqikelela umangalisiwe kutheni ndiqhubekile ndinyuka ngesitrato ndaza ndajika ndaza ndabuya. Ukuba ulapha, mzalwana, bendiphulaphula ntweni ithile, ibi ngowethu—owethu umhlobo webala, inegro. Banetempile apha, kwaye bayibiza, "Elijah Mohammed," okanye into ethile, "omncinci u-Elijah Mohammed." Bavuka nelizwi, kwaye bathi balilizwi elizakuzisa u—uhlanga lwebala luphume kulembudu-mbudu. Oko, uyabona, kwalonto, owabo—owabo—owabo umMoslem ulapha, iMosque yabo. Kutheni, aniyiboni, ukuba kwa imvelo yayo, ayilunganga!

64 Abantu bebala, nje kanye ngabantu abamhlophe, abantsundu, nabatyheli, hayi ukubuyela ku—ukubuyela kuMohammedism, kodwa buyela kuKristu, owona mmiselo iBhayibhile ewufundisayo. IMohammedanism ichasene neLizwi. Ngoku, ndibe nenyhweba yokukhokelela amashumi amawaka eMohammedans ukubasa kuKristu ngaxesha linye eDurban, South Africa. Ayivelisi nto kuphela ipsychology. Kwaye ipsychology ilungile okoko ipsychology ingaphiki iLizwi. Kodwa xa ipsychology iphika iLizwi, ngoko ipsychology ayilunganga. Inika isandi esingacacanga. Yonke enye into iyakugqitha kodwa iLizwi likaThixo, uYesu watsho njalo, "Amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa iLizwi Lam alisayi kugqitha." Ke, uyabona masihlale neLizwi, iZwi.

65 Ezininzi kakhulu ezibhidayo izinto! Abantu bayavuka, abalazi iLizwi, kwaye batsho izinto, kwaye mhlawumbi ivakala bhadlileyo kakhulu. UbuKomanisi yinto ebhadle kakhulu, "Wonke umntu mnye. Akukho ngxowa-nkulu kwakhona, bonke ngamaKomanisi." Wakhe wema ukuba ucinge ukuba oko yimvuselelo yobuxoki, ubuKomanisi bunjalo? Kwaye kuphi apho ayifuzisele khona yonke? I...uYesu wathi, "Imimoya emibini iyakusondelelana kakhulu, iyakulahlekisa aboNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Kwaye yonke into

umtyholi anayo, lugqwetheko lwento ayidalileyo uThixo. Isono bu—bubulungisa bugqwethiwe. Ubuxoki yiNyaniso imelwe ngokungekuko. Ukrexezo si—si, isenzo uThixo wasibekelayo sona, sigqwethiwe. Konke ukungakholwa kukugqwetheka ngokukholwa. Kufanele uphike iNyaniso ukuze uthabathe u—ugqwetheko. Yabona, luleka lamazwi, wavavanye ngeLizwi uze ubone ukuba yiNyaniso.

66 Owu, singaqhubekeka njani, kulamazwi alo mhla, kodwa ixesha lethu ligqithile. Kodwa, amaninzi kakhulu amazwi abathi abantu bangazi ukuba benzeni. Amawisile ekugqibeleni ayakuva umshumayeli womBhaptizi, ayakuya khona ngaphaya, ayakuhlala ithutyana aze emva koko aye kumaLutere. Kwaye kwabakwaMoya, banamaqela ahlukeneyo, elinye liyakubalekela kwelinye, nelinye kwelinye, emva koko emva naphambili. Iyakubonisa ukuba awuzinzanga. Yiva iLizwi Lakhe! Nali Lilo, libhalwe ephepheni, iLizwi, iLizwi liyakungqinwa ukuba LiyiNyaniso.

67 Ihlabathi lebandla elil alazi emalikwenze, ihlabathi lepolitiki likwimbudumbudu. Yonke into ikhangeleka ikwimbudumbudu. Abafo babaleka ukusuka apha, enye into ethile iyavuka, enye ibhatyi, enye idyasi. Xa ndandiseRoma, babeneshumi elinesithoba lezihulukeneyo ezingqiniweyo izikhonkwana ezazibethelelwe esandleni sikaYesu; kwaye kukho kuphela isithathu, kodwa noko banokushicelelweyo okokuba izikhonkwana ezilishumi elinesithoba ezahlukahlukeneyo. Ngoku, mahluko mni ewenzayo ngubani onezikhonkwana? UKristu zange asishiye nezikhonkwane ukuba sizinqule, Wasishiya noMoya oyiNgcwele, ngeLizwi Lakhe! "Le miqondiso iyakulandelelana nabakholwayo, bayakuba nesemvelo isikhonkwana"? "Bayakuba . . . Le miqondiso iyakulandelana nabo bakholwayo, bayakuba ngabehlelo endaliqalisayo"? Zange aqale nalinye. Yabona lichasene njani ilizwi?

68 Kodwa, "Le miqondiso iyakulandelana nabo bakholwayo; eGameni Lam bayakukhupha iidemoni." Nalo iLizwi. "Bayakuthetha ngeelwimi ezintsha; babambe iinyoka ezinobuhlungu, oko akuyi kubenzakalisa. Ukuba basele izinto ezibulalayo, ayisayi kubakhathaza. Ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphila." Kwaye qaphela ezi zinto kunye naso sonke iSibhalo sidityanisiwe.

69 Ngoku, oko kodwa akuyi kuyiqinisekisa, hayi konke konke. Apho kulapho thina bakwaMoya sifika kwindawo engalunganga. Akatshongo na uYesu, "Abaninzi bayakuza kuM ngaloo mini, bathi, 'Nkosi, ndandingenzanga na izinto ezinkulu eGameni Lakho? Ndandingaprofetanga na eGameni Lakho? Andikwenzanga konke na oku eGameni Lakho?'" Kwaye uYesu wathi, "Mkani kuM, nina basebenzi bobugwenxa, zange Ndanazi." Niyabona, bodade bam nani bazalwana bam, kutheni ndisohlwaya kangaka kwaye

ndisibeka ityala esisizukulwana? Ungathetha ngeelwimi njengabantu neeNgelosi, ungangqungqa kuMoya ujikeleze icawa yonke, lonto ayinanto yakwenza naWo.

70 Ndibabonile ooMohammedi bengqungqa bejikeleza ngolwahlobo. Ndivile kugqirha . . . kwinkampu yamagqirha, ndibone amagqwirha esima aze athethe ngeelwimi kwaye azitolike, aze achaze kanye oko kuzakwenzeka, kwaye yenzeka ngalondlela. Ndiyibonile kwa nepensile isima ize ibhale ngezingaziwayo iilwimi, kwaye mnye kuphela phaya ongalifundayo, kwaye wayengokamtyholi. Akunakumilisa isiphelo sakho saNaphakade phezu kwemvakalelo. USatana angalinganisa naziphi zezomvakalelo. Ngoku . . . Kukwazi uKristu, into ethile iyaguquka ebomini bakho. Qaphela ubomi bakho kwaye ubulinganisele eLizwini, uze ubone apho ukhoyo. Thabatha uphendlo, ngokuqinisekileyo.

71 Kuko konke oku kulinganisa, amazwi obuxoki, abaprofeti bobuxoki, zonke ezinye zezi zinto ezivukayo, uYesu usathi, kuko konke oku, "Ukuba umntu uthi alive iLizwi Lam aze aNdilandele." UliLizwi. Phulaphula, isiyalo Sakhe kuthi namhlanje, kuwo onke la mazwi. Ntoleyo, ndithe iyakuthabatha iiyure ukuwazisa onke la mazwi. Kwaye iyabhidisa ebantwini, yinto elusizi. Kwaye, emva kwako konke, akufumani thuba lesibini, kufanele uyithabathe Yona ngoku. Usenokungafumani thuba kobubusuku. Ungangafumani thuba ngomso. Ingoku! "Xa usiva iLizwi Lam, ungayenzi lukhuni intliziyo yakho, njengakwimihla yengcaphukiso. Ngoku lixesha. Eli lixesha elamkelekileyo lokuba xa nabani othi alive iLizwi Lam." Oku kuya ekubonakaliseni ukuba iLizwi Lakhe liyakube liselapho phakathi kwembudumbudu. Usenalo iLizwi! Ngokuba? ILizwi Lakhe liyakuhlala lihleli. Naku apha, "Amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi Lam aliyi kudlula," iLizwi Lakhe.

72 Masithabathe nje, ukuthi, eminye emihlanu imizuzu, ngokukhawuleza. Ninganakho, ningahlala kangako, okanye imizuzu embalwa? Ngoku, ndiyakukhawulezisa. Masithabathe abanye abalivayo eli Lizwi kwaye baLithobela. Indlela eLabenza benza ngalo, into Lona elabenza bayenza. Ngoku ndizakutsiba okuninzi kwe—kweSibhalo apha, nje ukwenzela ukufika kanye ngqo kuwe indlela Lona elabuguqulayo ngayo ubomi babo kunye nabo bonke ababekunye nabo, indlela ababa ngabangaqhelekanga, siyibiza "ongaqhelekanga." Wonke umntu owakhe wamkholelwa uThixo, wayebalelwa ngongaqhelekanga. Ngokuba, ukuba ukuluhlu lwehlabathi, kukho okungalunganga nawe. Ukuba ngumKristu kufanele ube ngongaqhelekanga. "Kuba bonke abaphila ngokulungileyo kuKristu Yesu bayakuba nentshutshiso yehlabathi. Wayesehlabathini, kwaye ihlabathi ladalwa Nguye, kwaye ihlabathi zange lamazi Yena." Ngokukhawuleza ngoku, phulaphulisisa njengoko sivala.

73 U-Adam weva iLizwi Lakhe, ekupholeni korhatya, kwaye waba nobudlelwana kunye naYe. Kwakungekho kugwetywa ku-Adam. Weva iLizwi likaThixo, kwaye wathi, "Bawo, ngoku ndiyangqengqa ukuze ndilale." Kwaye walala phantsi, kunye no-Eva engalweni yakhe, ingonyama, ingwe, kunye nezasendle izilo zimngqongile, kwakungekho ngozi, kungekho ndlela yokugula, kungekho ndlela yokufunisa ukuba uyakuvuka na kwintsasa elandelayo, bazakuvuka. U-Adam weva iLizwi Lakhe ngendlela ekwakufanele alive ngalo Lona.

74 Kodwa ngenye imini weva ilizwi lomfazi wakhe. Kungcono ndikuyeke oko ithutyana. Kodwa waphulaphula kwilizwi elingalunganga, noko yayingumfazi wakhe, elona qhina lisondeleyo wayenalo emhlabeni. Kutheni engazange, njengoYobhi, "Uthetha ngokwesidenge somfazi"? Kwaye ukuba inganakho, uhlanga lonke loluntu beliyakuba liphila endaweni kokuba lusifa. Yaguqula indlela yabantu kunye nexesha. Kodwa weva iLizwi likaThixo, waba nobudlelwana naLo, kodwa xa wajikayo . . . Wayazi njani ukuba umfazi wakhe wayengalungisanga? Khumbula, yayimnandi.

75 Sicinga namhlanje ukuba imibutho yethu, icawa, sicinga ukuba ubutyebi bethu namhlanje nguThixo encumile kuthi. Ikhangeleka ilungile. Yakhangeleka ilungile xa uMikayi wema apho phambi kwamakhulu angamashumi amane abaprofeti, kwaye umhlaba wonke wawungowabo, amaFilistiya ayekuwo, okanye amaSiriya, yakhangeleka ilungile. Aba baprofeti babechaza, "Nyuka uye phaya, okuya kokwethu. Yithathe!" Kodwa yayingeloLizwi likaThixo. Kwaye uMikaya waguquka waza waliqalekisa ilizwi. Kwaye wayazi njani makenze lanto? Ngokuba umbono wakhe wawuchanene ngqo neLizwi. Leyo kuphela kwendlela yokuyithemba kwaye uyibone namhlanje, kufanele ukuba ibe seLizwini.

76 Ngoku ingaba uqwalasele emva kokuba u-Adam ephulaphule kwelinye ilizwi ngaphandleni kweLizwi likaThixo, umfazi ongowakhe. Kwaye ibandla liphulaphula kwilizwi lombutho walo, lifaka kulo izivumo nkolo endaweni yeLizwi, ebenza baphile ngendlela abafuna ngayo. Okoko nje besiya ecaweni kwaye ilugu lecawa ethile, kuko konke okubalulekileyo. Okona kusondeleyo ikholwa elinokuba nako emhlabeni, kubo, libandla. Kodwa ikholwa, ikholwa lenene, eyona nto isondeleyo nguMoya oyiNgcwele, liLizwi likaThixo.

77 Ke uyafumanisa ukuba u-Adam wayiqonda imeko yakhe, kwaye waliva iLizwi likaThixo libiza kwakhona, kwaye wayekumagqabi omkhiwana ngoko. Kodwa yayililizwi lokugweba, "Kutheni uyenzile lento?"

78 Ndiyamangala ukuba iMerika namhlanje, okanye ihlabathi kwisaqunge senkolo yalo, njengoko linjalo, kwaye iMerika iginya, ibe iginywa, iyakuba yinkolo yesizwe kungekudala. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

79 Ngubani ohleli phambi kwam? Ndiyazi ziiteyiphu kwaye iyakuya kulo lonke ihlabathi. Sineenkqubo zokuteyipha, zokokuba wonke uMyalezo uya kwihlabathi lonke, kuzo zonke ezinye izizwe.

80 Kulungile, ngoku ukuba uyakujonga uze ubone, ume nje kwegqabi lomkhiwana. Xa iLizwi elinyanisileyo likaThixo liphuma, abazi emabakwenze malunga nalo. Liyabhidisa, abazi emabakwenze.

81 Ngokukhawuleza, uNowa wava iLizwi likaThixo. Lalilungiselela ukusindisa ubomi bakhe, waze walandela imiyalelo kwaye wema.

82 Ukuba umntu uva iLizwi. . . Ngoku phulaphula, kubambisise kakuhle ngenene oku. Ungasileli. Ukuba umntu uva ilizwi lento ethile, kwaye ukuba Iqinikekisiwe ukuba liLizwi likaThixo, kwaye likwixesha elililo, kwaye oko kuphuma entweni, amazulu nomhlaba ayakugqitha kodwa iLizwi alinakugqitha.

83 UNowa weva iLizwi, waze wolohlwaya ihlabathi. Kwaye bahleka ebusweni bakhe ngokuba u—uMyalezo wakhe zange umelane kunye neempumelelo zabo zobunzululwazi, kodwa yanetha yaza yatshabalalisa ihlabathi lonke. Yabona? ILizwi lakhe elaphumayo, imbewu yayilele apho. Sonke isigaba sibe yinto enye.

84 USamuweli, wothuka xa wava iLizwi likaThixo, lokuba waye. . . ahambe aye kohlwaya u-Eli, indoda eyamkhulisayo. Indoda eyayingutata kuye kwaye yamkhulisa yaze yamondla.

85 Bazalwana abangabalungiseleli, ndinganakho? Balungiseleli, amaxa amaninzi, kwimihlaba yobuhlelo kunye novumo nkolo yabo, neziqinisekiso ezipokothweni zabo, okona kudla kweentsana, eyona mibutho ebakhulisileyo yaza yabondla yaza yabanyusela yaza yabanyelela ebandleni, kwaye yababeka erhamenteni, kufanele uzinyanzele koko bakufundisayo. Yabona? Enjani ukubambi into eyakuba yiyo yokuba umkhonzi onyanisekileyo kaThixo ave iLizwi likaThixo kuze kufuneke abuyele emva kula nina mnye wombutho, athi, Nohlwayiwe ngokuba anilamkeli eliLizwi.” Enjani into!

Kwakunzima kuSamuweli. Kodwa wayengumprofeti, kwakufanele eyenzile. Akukhathaliseki nokuba ivisa kabuhlungu okanye hayi, kwafanela eyenzile nakanjani.

86 UMoses wava iLizwi likaThixo. Wayezele yimfundo yezenkolo. Wayesazi zonke *ingaphakathi* ne *ngaphandle*, kodwa kwasilela. Weva iLizwi likaThixo, uMoses zange abe yinto awayeyiyo.

87 Kwaye akukho mntu angasokuze abe yinto abe ayiyo. Ungafane uve ezindlebeni zakho i—iLizwi lithetha, kodwa xa usiva entliziyweni yakho, iLizwi lithetha, yabona, ngoko

uyeva. Akuboni ngeliso lakho. Ujonga ngeliso lakho, ubona ngentliziyo yakho. Ubona into ethile, uthi, “Nje andiyiboni yona,” uthetha ukuba akuyiqondi yona. Akuva ngendlebe zakho, uva ngentliziyo yakho. Ngamaxa amaninzi iindlebe zakho ziva iLizwi elinyanisileyo likaThixo, kwaye Iyawa isuke kuwe njengamanzi esihla kumqolo wedada. Kodwa xa usiva ngenene, uva ngentliziyo yakho.

88 Kwaye yonke imfundo ngezenkolo awayenayo uMoses, wayengalivanga iLizwi likaThixo. Kodwa ngenye imini uThixo wambizela ngaphaya kwelinye icala lo unamashumi asibhozo mdala umalusi wezimvu wathetha naye, kwaye wayibamba Yona. Waqinisekisa ukuba Waye nguThixo. Into yokuqala Awayenzayo kuMoses, kukungqina iLizwi Lakhe, “Ndiyehla, Ndiyakhumbula endakuthembisayo.”

89 Kwaye oku koko Wakuthembisela imihla yokugqibela. Uyakuvusa abantu kwiNtlanga, kunye nazo zonke izithembiso.

90 “Oku Ndikuthembisile.” Wathi, “Moses, khulula izihlangu zakho.” Ngamanye amazwi, Yihloniphe. “Ngoku lahla phantsi intonga yakho.” Kwaye elo—elomileyo ukhuni elikhiwe entlango laba yinyoka, waza uMoses wayibamba, kwaye labuyela kwimeko yalo kwakhona. Yabona? Wazi ukuba yayinguThixo, ngokuba uThixo utshilo, iLizwi likaThixo, iLizwi Ewayelithetha, lathi, “Lahla ukhuni elisesandleni sakho.” Elo liLizwi likaThixo. Sukuzama ukwenza into ekwanye, elo asiloLizwi likaThixo kuwe, liLizwi likaThixo kuMoses. *Nali* iLizwi likaThixo kuwe! “Lahla phantsi ukhuni.” Lajika laba yinyoka. Wathi, “Ngoku uyayoyika? Yichole uyibambe ngomsila,” kwaye emva labuyela kwakhona. ILizwi likaThixo kuye. Wenza ntoni? UThixo wangqinela iLizwi Lakhe.

91 Nditsalelwe umnxeba apha kwinyanga ezimbalwa ezigqithileyo, malunga, ibe, owu, kwaye ibe malunga nonyaka, ngaphaya konyaka ogqithileyo. Inenekazi elincinci ekupheleni koqhagamshelwano ngomnxeba, kunye nomshumayeli womBhaptizi kunye nomshumayeli wezakwaMoya. Wathi, “Mzalwana Branham, iNkosi indenze umprofetikazi.”

Ndathi, “Kuhle.”

92 Wathi, “Uyazi, ndixelelwa ukuba utshilo ukuba u—unobungqina ukuba ulungiselelo lwam luvela kuThixo.”

93 Ngoku, andinakwenza oko, ichasene kwiLizwi. Ke ndathi, “Nenekazi, leyo yimpazamo. Andikwazi kwa wena.”

94 Kwaye umshumayeli womBhaptizi, ndamva, ndamva umshumayeli wakwaMoya. Wathi, “Kulungile, ndinomhlangano apha.” Kwaye wathi, “INkosi yenza izinto ezinkulu.”

95 Ndathi, “Ndinombulelo ngalonto.” Wathi . . . ndathi, “Ukhe Wakuxelela kwanto okwangoku?”

Wathi, “Ewe, ndinenkqubo enkulu endiyiphetheyo.”

96 Ndathi, “Mmangaliso.” Ndathi, “Ngoku, yintoni inkqubo yakho?” Ndathi, “Yintoni iNkosi ekuxelele yona?”

97 “Wathi, ‘Yiya ePhoenix, Arizona, ngomhla *othile—thile*, kwaye ndiyakukunika elahlekileyo iDutchman Gold Mine, kwaye uyakuyithabatha legolide efunyanwe phaya kwaye uzakuxhasa ngezimali iimishinari kwihlabathi lonke.’” Xa sisazi sonke ukuba iDutchman Mine sisishiqi. “Ke Wathi.”

98 Ndathi, “Kulungile, ndiyakukuxelela ungafumana njani ukuba nguThixo okanye hayi.” Ndathi, “Uzube phaya ngolwasuku. Kwaye ukuba nguwe ofumane elahlekileyo iDutchman Mine, ngoko nguThixo. Ukuba akuyifumananga elahlekileyo iDutchman Mine, ngoko guquka uze ususe la moya uxokayo umke kuwe.” Leyo yindlela ofumana ngayo ukuba nguThixo okanye hayi.

99 UThixo wathi, “Moses, yiphose phantsi intonga, kwaye iyakujika ibe yinyoka.” Wayenza. Wathi, “Yichole kwaye yintonga kwakhona.” Wayenza.

100 Xa uThixo esenza isithembiso ngolungiselelo kulo mhla wokugqibela, Uyakuwugqina nje ngqo ngendlela Athe Uyakuyenza ngayo. Emva koko uze wazi ukuba ufumene iLizwi elililo. Uphulaphula kwiNto eyiyo, ngokuba liLizwi liqinisekisiwe. Yabona? Owu, indlela . . . ndiyaxolisa, ndi . . . Kulungile.

101 UMoses wenza ngokwahlukileyo. Jonga enjani ukungaqheleki i—into uMoses awayenzayo. Ngoku, maxa onke xa ulandela iLizwi likaThixo, uphambene, kwihlabathi. Kusuku olulandelayo, sifumana uMoses, kunye nomfazi wakhe ehleli phezu kwedonki, kunye nosana ethangeni lakhe, okanye oko kokwasezantsi, “umntwana” ethangeni lakhe, kwaye nabo bengabo. Le ndoda indala enendevu zivuza *ngolu*hlobo, kwaye impandla yayo ibengezela, intonga esandleni sayo, ikhokela idonki encinci, isihla ngqo isiya ngaseYiphutha kanye ngamandla njengoko yayinako. Umntu othile wathi, “Moses, uyaphi?”

102 “Ndiyehla ndiya eYiphutha, ukuya kuyibhukuqa into.” Apho wohluleka esemtsha, wohluleka eseyindoda yomkhosi, kodwa apha wayesihla ukuya kuyibhukuqa. Kwaye wayenza. Ngokuba? Wayeve iLizwi likaThixo kwaye waLibona lingqinelwe ngomhla wakhe, ngezinto ezazizakubakho kumhla wakhe. Wayibona.

103 UPawulos, umFarisi ozithandayo, ezele nje yimfundo yezenkolo kangangoko wayenakho, kodwa ngenye imini wava iLizwi likaThixo. Wabona iNtsika yoMlilo, kwaye wazi ukuba kwakukho into eyahlukileyo. Yabuguqula ubomi bakhe. Akukhathaliseki nokuba bangaphi abaFarisi, bangaphi

ooGamaliyeli okanye nantoni na engenye eyayinokukhala kuPawulos, “uphosile, uphosile,” Pawulos, xa wava iLizwi likaThixo, wazi ukuba LaliyiNyaniso.

104 UPetros, onenkolo kangangokuba enako, egcine izithethe zabadala, ebengekhe atye nayiphi inyama. Hayi, mhlekazi. Ebengasokuze abe nanto yakwenza malunga nalonto konke konke. Ngenene wayegcine izithethe zabadala, kanye ukuya eLizwini. Kwenzeka ntoni? Ngenye imini wava iLizwi likaThixo, “Sukukubiza oko okungahlambulukanga nenqambi, ngelixa Ndikuhlambululeyo.” Wayeyindoda eguqulweyo. Wayekulungele ukuya naphi iNkosi emthuma khona.

105 Ekuvaleni, ndingakutsho oku. Kwakukho indoda ngelinye ixesha eyayilikholwa. Yayifile iintsuku ezine. Yayisengcwabeni, inuka, ibolile, kodwa yeva iLizwi likaThixo lithetha, “Lazaro, phuma!” Kwaye ukuba Libuyisa indoda emva kokuba ifile kwaye ibolile, kufanele Linokwenza ntoni ebandleni elisenobomi kulo? Kufanele libavuse, kwimbutyulelo yawo onke lamazwi esithethileyo malunga nawo, ezenkolo, ezopolitiko, Hollywood, zonke iziprofeto zobuxoki kunye nezinto eziphumileyo. Phakathi kwazo zonke, elinyanisileyo iLizwi likaThixo liyakubiza indoda, efileyo kwisono nakwiziphoso, ibizelwe ebomini kwakhona. Lifanele lithabathe ibandla eliwileyo kwaye libizelwe ebomini kwakhona. Ngokuqinisekileyo!

106 Khumbula, ekuvaleni, ndiyakutsho oku, emva koko ndiyakuvala. UYesu wathi, “Kuyakufika ixesha, xa bonke abasemangcwabeni bayakuliva iLizwi likaThixo.” Kwaye uyakuliva Lona. Akukhathaliseki nokuba ukwimeko enjani, uyakuliva Lona nakanjani. Kwaye abanye babo abaphuma engcwabeni, bayakuya ekohlwayweni. Bayaliva iLizwi, kodwa Liyohlwaya. Kwaye ukuba uyaliva Lona namhlanje, “Namhlanje, emva kwexesha elide, xa uliva iLizwi laM, ungayenzi lukhuni intliziyo yakho, njengoko wenzayo ngemihla yengcaphukiso.” Kwaye ukuba nina, bantu bakaMoya niziqokeleleyo kwizivumo zeenkolo kwakhona, kubuhlabathi, “benokufaneleka kobuthixo kwaye bewaphika aMandla ako,” phambi kokuba nivukele eluvukweni ukuze nohlwaywe, ngokuba iLizwi likaThixo elithetha kuni ngoku ngeZwi liyakunohlwaya ngalo mini.

107 Ukuba ulikholwa nje elidikidiki, iLizwi likaThixo liyamemeza entliziyweni yakho ngale ntsasa, “ulikholwa elidikidiki,” kungcono uguquke!

108 Nina madoda, bafazi, makhwenkwe okanye amantombi, abangaphileli Kristu, kwaye iLizwi likaThixo lithetha nani ngeZwi Lakhe lisithi “yekani ukwenza lonto,” kungcono nikwenze. Ngokuba niyakuyiva Yona kwakhona ngenye imini, kwaye Iyakunohlwaya. Aninakho ukuyiphika Yona, Ithetha nani ngoku. Kwaye, khumbulani, ishicilelwe.

109 Kwaye abo benza kakuhle nabalivayo iLizwi Lakhe, bayakuvukela ebulungiseni, kuZuko, eZulwini.

110 Ke niyakuliva iLizwi likaThixo ngelinye ixesha. Mhlawumbi mfiliba ngalentsasa Lithetha entliziyweni yakho, okokuba kufuneka ujike kwindlela oyihambayo, jika uye kuThixo. Ngoku, khumbula, bayakulishicilela ela Lizwi elithetha ezintliziyweni zenu, eZulwini. Kwaye ngenye imini xa uYesu ebiza, kwaye bonke abasemangcwabeni, bonke, abalungileyo nabangalunganga, bayakuvuka. Kwaye emva koko eli likwalinye iLizwi liyakusebeza kwakhona kuwe, "EPhoenix, Arizona, ng*ethile* intsasa yeCawa, xa umlungiseleli wakubambezela ixesha elide, ethetha ngeLizwi, Ndathetha nawe; ndanixelela nina bafazi ukuba niyeke iinwele zenu zikhule, yekani ukunxiba kakubi; ndanixelela nina madoda ukuba niyeke ukuxoka, ukutshaya; ndanixelela bashumayeli ukuba nibuyele kwiLizwi likaThixo." Yabona endibhekiselele kuko? Injalo.

Ela Lizwi lisebezayo, "Lingaba lelilungileyo."

111 Ukuba kufanele ndize njengoNikodimo, bendiyakuzama nokuba kunjalo ukungena phaya. Bendiya kuza kuYe, ndize ndiphumele ngaphandle apha entlango ndaweni ithile, ndithi, "Nkosi Thixo, ndilapha, ndiguqule ngoku. Ndibumbe ngokwendlela Yakho." Buyelani eLizwini. Ndaweni ithile apho nibonayo ukuba niyemka kwiLizwi, buyelani kanye ngqo kokuya, ngokuba ityathanga likukomelela kuqhagamshelo lobuthakathaka balo. Kwaye naphina ebomini bakho apho ushiye umthetho kaThixo, ukuba nikhonze isithethe, apho kulapho ityathanga lakho liyakuqhawuka akukhathaliseki womelele kangakanani kwenye into. Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo.

112 Masithandazeni. Namhlanje, emva kwexesha elide kakhulu, Nkosi, Utshilo ukuba Uyakuthetha, Uyakubhala imithetho Yakho kumacwecwe eentliziyo. Andazi kumi ntoni phambi kwam. Kuphela kwento endikwaziyo ukuyenza kukuthabatha iLizwi Lakho ndilisasaze Lona, ngokuqinisekileyo Liyakuhlala phantsi kwamatye ndaweni ithile. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakuthetha kuye wonke umntu omtsha, wonke oliqina, omdala umntu, nokuba ingaba yintoni na. Thetha entiliziyweni yam, Nkosi. Thetha kwiintliziyo zaba balungiseleli. Thetha kwintliziyo yebandla.

113 Siyathandaza, Bawo, okokuba namhlanje siyakuliva iLizwi Lakho. Kwaye siyazi, njengoko kwakunjalo ngemihla kaSamuweli, umbono otyhilekileyo yinto enqabileyo, kwaye ibankwankqisile abantu. Ke ikwanjalo namhlanje. Sinamaphupha kunye nabaphuphi, sinezithethi kunye nabatoliki, kodwa umbono otyhilekileyo oza neLizwi leNkosi, kwaye ulungise . . . Siyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba

ela Lizwi elalimemeza entlango, “lungisa indlela yeNkosi,” ukuba siyakholwa uMoya oyiNgcwele unika ela Lizwi kwakhona namhlanje, “Lungiselela Ukuza kweNkosi!” Kwaye indlela elingaqhelekanga ngayo Lona, kuba kukho amaninzi amanye amazwi ukuLenza ndindisholo nokuLisusa, kodwa Lilubabalo ezindlebeni zabo balivayo Lona. Ndiyathandaza ukuba uMoya oyiNgcwele ngoku uyakwenza umsebenzi ezintliziyweni zethu sonke.

114 Kwaye ngelithuba sinentloko zethu ziqutyudiwe, kwaye ndiyathemba iintliziyo zethu ziqutyudiwe: Ukuba uyayazi ndaweni ithile ukuba akuthobelanga ebomini bakho, wazi Sibhalo sithile, ukuba uyazi ukuba kukufundisa kweBhayibhile ongasebenzisananga naso, ngokuba into ethile, ilizwi leHollywood likwenze ukuba wenze ngokwahlukileyo. Enye indawo nina balungiseleli nifumene indawo eBhayibhileni, leyo iyiNyaniso ngenene, kodwa niyazi umbutho wenu uyakunikhuphela ngaphandle ukuba niyayifundisa Lonto, kwaye niyazi ukuba yiNyaniso ngokuqinisekileyo. Kuni bantu enithabatha izinto ezingalunganga, niphile ubomi obungalunganga. Nina botata nomama eningazamiyo ukulungisa abantwana benu, eningazamiyo ukubakhulisa. Ningazama okungcono kwenu, kwaye baya ngqo ehlabathi nakanjani, kodwa nibeka umzekelo phambi kwabo. Kwaye ukuba aniyenzi, iLizwi likaThixo lithetha nani, “Sanukuyenza lonto.”

115 Kwaye ngoku ngeentloko zonke ziqutyudiwe namehlo onke evaliwe, kwaye wanga uThixo weZulu angajonga ezantsi ezintliziyweni yala mntu olambele kwaye afumane indawo apho bangalungisanga khona. Kwaye kunye nesandla phezulu kuThixo, esithi, “Nkosi, ndinqwenela ngenene iLizwi Lakho lisuse konke ukungakholwa, nazo zonke izinto ezingafani Nawe, kwaye undenze ndibe koko Ungathanda ndibe kuko,” ungaphakamisa isandla sakho. Ngelixa u . . . INkosi ikusikelele. UThixo akusikelele.

116 Ngoko iBhayibhile ithe, UYesu wathi, kwaye nakubeni onke amanye ala mazwi, “Kodwa ukuba umntu uyakuthi alive iLizwi Lam.” Landela emva kwaKhe, uyakufumana umnqweno wakho.

117 Nkosi, ixesha liyaphela. Kodwa iBhayibhile itshilo ukuba, “Njengoko abaninzi bakholwayo, babhaptizwa.” Ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba wonke ubani wabo baphakamisa izandla zabo ngendlela enyanisekileyo, okokuba iLizwi likaThixo abathe balifunda, baza babona ukuba bebengalunganga. Andizange ndijonge kwisiqingatha sabo. Asikokwam ukujonga, kokwaKho kokwakho, Nkosi. Úyasazi isizathu kunye nenjongo emva kwesandla esiphakamileyo. Benze, ukusukela kuleyure, bagqibe entliziyweni yabo,

“Ukusukela kulomhla, ukubheka phambili, ndiyakuthabatha iLizwi likaThixo kunye neZwi likaThixo, ndize ndiLilandele nokuba yintoni ixabiso.” Kwaye cinga engqondweni yabo, njengoko behamba, ingoma yembongi, “Ingaba uYesu kufanele athwale umnqamlezo yedwa, lize lonke ihlabathi lihambe ngokukhululekileyo? Hayi, kukho umnqamlezo womntu wonke; kukho umnqamlezo wam. Kwaye lo ungcwalisiweyo umnqamlezo ndiyakuwuthwala, kude ukufa kundikhulule.” Ngoko xa iLizwi likaThixo lithetha, “Ndiyakuza ebulungiseni Bakhe, ngokuba ndilandele iLizwi Lakhe, iZwi leLizwi Lakhe.” Ndibanikezela kuWe ngoku, Nkosi, eGameni likaYesu Kristu.

118 Ngoku ngelixa sinentloko zethu ziqutyudiwe, wena usenza uvumo lwakho nesicelo sakho. Ndiyamangaliswa ngenkwenkwe encinci ehleli apha, ijikajika intloko yakhe. Kwaye kukho iLizwi lebandla, “NdiyiNkosi Ephilisa zonke izifo zakho.” Elo liLizwi ebandleni. Kwaye nonke eninesidingo ngako ngempilo, kwaye uphila ubomi obungcwalisiweyo kwiLizwi lonke likaThixo olaziyo ukuba lilungile, kwaye unesidingo sempiliso, andazi nokuba ungaphakamisa isandla sakho. Phakamisela phezulu isandla sakho, “Nkosi, ndinesidingo sempiliso.” Kulungile.

119 Ngoku, gcina ela Lizwi entliziyweni yakho, “NdiyiNkosi ephilisa zonke izifo zakho.” Khumbula, xa iLizwi lithethiwe, kufanele Lizaliseke. UYesu wathi, Marko 11:22, “Ukuba nithi kulentaba, ‘Funquka,’ kwaye ningathandabuzi entliziyweni yenu, kodwa nikholwa ukuba oko nikuthethileyo kuyakwenzeka, ninganako oko nisukuba nikuthethile.”

120 Ngoku, ngamnye ngendlela zethu ngoku, thoba intloko yakho, yenza uvumo lwakho, “Nkosi, ndiyalikholelwa iLizwi Lakho. Ndiyaliva iZwi Lakho lindixelela ukuba Usenguwe izolo, namhlanje, naphakade.” Ndizakuhamba kwaye ndibeke izandla kulomntwana, ngokuba mcinci kakhulu ukuba azi ukuba kumalunga nantoni, entle inkwenkwe encinci, malunga nobungaka neminyaka kaJoseph wam omncinci. Kwaye ndifuna nonke nithandaze, nithandaze, “Nkosi, ndiyaliva iZwi Lakho. Ndiyakholwa.”

121 Bawo waseZulwini, sizisa esisihlwele kuWe ukuze kuphiliswe imizimba waso. Kwaye, Nkosi, naku kuhleli ohluphekileyo umntwana omcinci, utsala umdla wam lonke ixesha kuMyalezo, ukubona umzali ehleli phaya ebambe umfo omcinci. Ngonyango lwezenzululwazi, akukho themba ngomfo omncinci. Kukho iZwi likaThixo eliqabela phezu kwayo yonke into. Kwaye njengelibandla lihlangene ngokudibeneyo ukwenza wonke umyalelo endiwaziyo wenziwa njani, konke okunye kuxhomekeke kuWe, Bawo. Ndiyehla ukuya kubeka izandla kula mntwana.

122 Bawo Thixo, eGameni likaYesu Kristu, ndiyakohlwaya oku. Makathi amandla kaThixo, impiliso kaThixo. . . Kunga kungakho ongako umahluko kuye kumizuzu emihlanu ezayo. Banga bonke bangeza kuThixo, ngenxa yozuko Lwakho.

123 Bawo waseZulwini, Unike isithembiso. Koko uphela endikwaziyo, Unike isithembiso. Kwenzekile, njengoko bekutshiwo, "Ukuba *nithi* kule," kwaye nditsho kwidemoni lonke lokugula okanye ukubandezeleka okubophe esisihlwele, okubophe ababantu, wonke umoya wokungakholwa, ndithi, "Mka kubo abantu, eGameni likaYesu Kristu!" Ngoku, siyazi kubhaliwe, kwaye ngoku kuthethiwe, makwenzeke, ukwenzela imbeko nozuko lukaThixo. Kwaye eGameni likaYesu Kristu kuyacelwa.

124 Ngoku, nina banakho ukukholwa, kwaye nikholwayo, kungakhathaliseki nokuba kwenzeka ntoni, akunyanzelekanga, imbewu yawela phaya. Leya nto incinci ngaphakathi kuwe, elaZwi. Mzali walomntwana, nokuba imeko yomntwana iyintoni, uyayikholelwa imbewu kaThixo yawela entliziyweni yakho, okokuba la nkwenkwe iyakuphila? Noke nina niyathandaza, omnye ngomnye, uyakholelwa ukuba imbewu kaThixo yawela entliziyweni yakho, "isigulo sam sigqityiwe"? Ngoko umthandazo wokholo uthandaziwe ngenxa yakho, wisa lopali. Kwaye ukuba uSatana ukhe nje wazama, buyela nje emva, "Ndime kwelabandla leSpanish, ngala ntsasa yeCawa, umthandazo wokholo wawuthandaziwe ngam. Kwaye uThixo uthembisile!" Umthandazo wokholo uyakusindisa abagulayo kwaye uThixo uyakubavusa bona. Yenzekile. Niyayikholelwa, yithini, "Amen." UThixo anisikelele. Ngoku ndiyakubuyisela inkonzo emva kuMzalwana Rose, ndiyacinga apha, Mzalwana Jewel Rose.

ILizwi LikaThixo Kule Mihla Yokugqibela XHO63-0120M
(The Voice Of God In This Last Days)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi, kusasa ngeCawa, ngo-Janywari 20, 1963, kwiApostolic Church ePhoenix, Arizona, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2015 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org